**IKOMITI YAMAGAMA EENDAWO**

**YEPHONDO LENTSHONA KOLONI (WCPGNC)**

**UMGAQO-NKQUBO WOKUTHIYA**
**NOKUTSHINTSHA AMAGAMA EEMPAWU ZEENDAWO**


1 INTSHAYELELO ........................................................................................................ 1
2 UKUSEKWA KWEKOMITI YAMAGAMA EENDAWO YEPHONDO ................................. 2
3 IINJONGO ZOMGAQO-NKQUBO .................................................................... 3
4 UMGAQO-NKQUBO OPHAKANYISIWEYO .................................................... 4
4.1 Imithetho-siseko elawulayo .......................................................................... 4
4.2 Imihlaba enokukhokelela kwisiphakamiso sokutshintsha igama lengingqi..... 4
4.3 Izikhokelo emaziqwalaselwe kuphononongo lwamagama............................ 4
4.4 Amagama eendawo ekufuneka engasetyenziswanga................................... 5
4.5 Umgaqo-nkqubo wokutshintshwa kwamagama eempawu "ezenziwe ngabantu" 6
4.6 Umgaqo-nkqubo wokutshintsha amagama eempawu zendalo .................... 6
4.7 Ukwamkelwa kwamagama abengamkelekanga ngaphambili...................... 6
4.8 Iinkqubo emazilandelwe ngamasebe karhulumente xa ethiya izakhiwo nezibonelelo zikaRhulumente weNtshona Koloni………………......................... 9
5 IINKQUBO ELANDELWAYO XA KUQWALASELWE IGAMA LENDAWO ....................... 7
5.1 Inkqubo emayilandelwe xa kuthiywa/ kutshintshwa igama ............................ 7


**INTSHAYELELO**

Esi sicwangciso somgaqo-nkqubo siqulunqelwe ukuba sisikhokelo seKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Koloni kuthiyo lwamagama notshintsho lwamagama eempawu zeendawo. IKomiti iyakuvuma ukuba naziphina iinkqubo ezisetyenziswayo ekuthiyweni kweempawu zeendawo okanye zeengingqi nokuzithiya ngokutsha kufanele kwenziwe ngokwemiqathango yoMthetho iSouth African Geographical Names Council Act, 1998 (uMthetho 118 ka-1998) kunye nemigaqo esekelwe kulo Mthetho ephathelene nokumiselwa ngokusemthethweni kwamagama eengingqi. IKomiti le iyazibophelela nakwisikhokelo somgaqo-nkqubo esibekwe liQumrhu leengcali kuthiyo lwamagama iUnited Nations Economic and Social Council's Group of Experts on Geographical Names – "United Nations Resolutions on the Standardisation of Geographical Names" kunye nesicwangciso-sikhokelo somgaqo-nkqubo seSixeko saseKapa esibizwa ngokuba

"nguMgaqo-nkqubo woTshintsho-magama eZitalato nokuThiywa kweeNdawo zoLuntu, iiNdawo zeNdalo neZakhiwo zeKhansile, iZibonelelo nee-Arthifeksi"

Xa kusithiwa "amagama eendawo" kuthethwa ngamagama eempawu zeendawo eziphakathi kumhlaba waseMzantsi Afrika ezisenokuba zezendalo okanye zenziwe ngabantu ngokulungele iindawo zabo (South African Geographical Names Council Act, 1998). Kolu xwebhu lungulo mgaqo-nkqubo **"amagama eendawo"** abandakanya amagama ezi ndawo:

- Iidolophu, amahlumela-dolophu, iindawo zokuhlaliswa koluntu, iiposi, izikhululo zoololiwe, oohola bendlela, amadama karhulumente, izikhululo zeenqwelomoya namazibuko.

- Ezidaliweyo ezinjengeentaba, iinduli, imilambo, imifula, amatheku okanye iibheyo, imimdala ephakamileyo okanye eentaba, iincam, iziqithi, iinyiba, iidolophu ezinamazibuko neepaki zesizwe.

Izikhokelo ezikulo mgaqo-nkqubo zenzelwe ukuba zibakhokele abo bakurhulumente nabasemagunyeni okuthiya amagama ekuqulunqeni kwazi iziphakamiso:

- Ukulungisa igama lendawo elisemthethweni esele likho;

- Ukutshintsha igama lendawo elisemthethweni esele likho;

- Ukuthiya uphawu lwendawo elingenalo igama lalo elisesikweni; kunye

- Ukwazisa ngokusesikweni amagama eendawo angekamkelwa nguMphathiswa weSizwe ojongene nezobugcisa nenkcubeko.

**UKWAKHIWA KWEKOMITI YAMAGAMA ENDAWO YASENTSHONA KOLONI**

UMthetho uthi:

2.1 Ukuze ube nenkqubela umsebenzi wokucebisa ngokuthiywa kwamagama nokutshintshwa kwamagama eendawo, kufuneka kumiselwe iKomiti.

2.2 UMlawuli-jikelele wephondo kufuneka ukuba ameme uluntu ukuba lutyumbe abantu abafanalekileyo kwiintsuku ezingama-30 zomsebenzi kwimijelo yeendaba *neGazethi kaRhulumente wePhondo*.

2.3 Iinkcukacha zotyumbo kufuneka zikhatshwe sisivumelwano somtyunjwa neenkcukacha zakhe ezipheleleyo eziquka ezoqhagamshelwano, amava ache afanelekileyo neziqinisekiso zakhe kunye nentethelelo epheleleyo yomtyumbi okanye abatyumbi.

2.4 Abatyunjwa kufuneka babe namava okanye babe banezifundo eziqinisekisiweyo kwiinkalo ezimbini kwezi zilandelayo: inzululwazi ngeelwimi, imbali ngezenkcubeko, ezembali, ucando lomhlaba nokuzoba iimephu, inzululwazi yembali nemvelaphi yamagama, izifundo ngamagama eendawo, izifundo zeemephu nokuzenza/ijiyografi kunye nezenkolo.

2.5 IPhaneli iza kuba namalungu angekho ngaphantsi kwalishumi (10) engekho ngaphezulu kwali-15.

2.6 IPhaneli ingahlala nakangaphi xa kuyimfuneko kodwa kungabi ngaphantsi kwamaxesha amathathu ngonyaka. Usihlalo angabiza intlanganiso eyodwa okanye ayimisele elinye ilixa okanye ayichithe ngokweemfuno zentlanganiso.

2.7 Amalungu aza kuba ngamalungu ekomiti iminyaka emithathu yaye kwamkelekile ukuba anganyulwa kwakhona eminye iminyaka emithathu.

2.8 Amalungu eKomiti kufuneka ahlawulwe kwingxowa-mali yeKomiti ngokwemisebenzi yawo. Ezo zibonelelo zawo zishicilelwe kumgaqo-nkqubo wephondo.

**IINJONGO ZOMGAQO-NKQUBO**

Injongo ephambili yalo mgaqo-nkqubo kukunika iKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Koloni amagunya okwenza umsebenzi wayo wokucebisa xa kuthiywa iindawo nokunika izikhokelo nemiqathango yokulawula izicelo zokuthiya iimpawu zeendawo; ukulungisa okanye ukutshintsha amagama eendawo akhoyo ngoku nokulungisa amagama abengekamkelwa nguMphathiswe wesizwe ojongene nezoBugcisa neNkcubeko.

Iimpawu zeendawo neendawo zithiywa ngamagama angqinelana nembonakalo-bume bendawo. Amagama eempawu ezithile zeendawo abalalukile kucwangciso lweenkcukacha zendawo. Amagama eendawo akwanegalelo kwimbali, kulwimi nelifa lemveli lenkcubeko eMzantsi Afrika. Yinjongo yeKomiti yamagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni ukunika imbeko kulo mba ukuze kuhlonipheke imbonakalo-mhlaba, eyona njongo yale nquleqhu kunye nalo msebenzi weli lifa lemveli kuphengululo lwayo lwemiba, iziphakamiso nezindululo.

Umgaqo-nkqubo weKomiti yaMagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni iphakanyiswa njengesixhobo solondolozo lwamagama eendawo neempawu zazo eNtshona Koloni, kunye nokuthiywa kunye nokutshintshwa kwamagama eendawo neempawu zazo phantsi kweemeko ezifanelekileyo.

IKomiti yaMagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni, kwiingxoxo zayo xa iqwalasele iziphakamiso, iwuthathele ingqalelo umthetho omiselweyo omalunga nalo mba.

3.5 Umgaqo-nkqubo usekeleze ukuwamisela ngokusesikweni amagama eendawo eNtshona Koloni ngenxa yoku kulandelayo:

3.5.1 Ukuqinisekisa ukuba amagama eempawu zendawo naweendawo eNtshona Koloni athiywa ahlanganisa igama nendawo, izibonelelo neziseko, iinkonzo nolawulo lukarhulumente kuloo ndawo;

3.5.2 Ukuqinisekisa ukuba ikho ingxelo yamagama eendawo zeli phondo asekeleze ukulondoloza iipatheni ekuhliwe ngazo kweli phondo kunye nokuba uluntu luyafikelela kwezi ngxelo;

3.5.3 Ukwenza ingqokelela yamagama eempawu neendawo kunye nembali yezilungiso okanye iingququ ezenziweyo ukuza kuthi ga ngoku;

3.5.4 **Ukubiza/ukwamkela amagama anika inkcazo-mphandle wendawo/wento** (ulungiselela i-ofisi); 3.5.5 Nokukhupha imigaqo ngokusetyenziswa, ukupelwa nokubhalwa kwamagama.

**UMGAQO-NKQUBO OPHAKANYISIWEYO**

**Imithetho-siseko**

4.1.1 IKomiti yaMagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni iza kusebenza ngokoMthetho nesicwangciso-mthetho egama laso siyi-South African Geographical Names Council Act, 1998 nemigaqo yalo Mthetho ephathelene nokumiselwa kwamagama eendawo.

4.1.2 Ulunga-lungiso neenguqu emagameni eendawo asele esetyenziswa kufuneka zenziwe xa kuyimfuneko.

4.1.3 Uphawu lwendawo ngalunye kufuneka lube lusesikweni.

4.1.4 Izigqibo malunga notshintsho lwegama elithile kufuneka ukuba zibe zithathele ingqalelo okungenzeka kuluvo lwabantu ngendawo leyo, iinguqu, ulawulo neendleko.

**Imihlaba anokutshintshwa phantsi kwayo amagama**

4.2.1 Ukwamkela ngokusesikweni igama lendawo elisetyenziswayo elingazange lamkelwe ngokusesikweni.

4.2.2 Ukulungisa igama lendawo elisesikweni elipelwe ngendlela engeyiyo.

4.2.3 Kwenziwa izilungiso ngokusemthethweni kwigama lendawo ekwakwenzeke impazamo yokujijwa kwalo ngexa liguqulelwa kolunye ulwimi olungesosiNgesi

4.2.4 Ukulungisa igama lendawo elingahambi ngokwemithetho yopelo yolwimi elibhalwe ngalo.

4.2.5 Ukutshintsha igama lendawo elisesikweni elisuka kwisiyelelane lisiya kwindlela elibhalwa ngalo eyamiselwayo.

4.2.6 Ukulungisa okanye ukutshintsha igama elisesikweni elisetyenziswayo elingangqinelaniyo nemigaqo yeBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika.

4.2.7 Ukulungisa okanye ukutshintsha igama lendawo elisesikweni elingathethi le nto ithethwa yimbali.

4.2.8 Ukutshintsha igama lendawo elingekhosikweni libe sesikweni.

**Izikhokelo emaziqatshelwe xa kuphengululwa amagama**

4.3.1 Xa kuphononongwa ukuba igama lokuqala lendawo kufanele ukuba libuyiselwe kusini na, kufanele kufuneka ukuba kuthathwe amagama anembali nabaluleke ngendlela ethile kuloo ndawo.

4.3.2 Amagama abantu abaphilayo kufanele ukuba angasetyenziswa ngaphandle kokuba kukho iimeko ezizodwa eziyithethelelayo loo nto. Ukuthiywa kweendawo ngabantu kufuneka kuqwalaselwe ukuba loo mntu kuthiywa ngaye ngumntu onesidima ekuhlaleni.

4.3.3 Xa kuthiywa uphawu oluthile lwendawo ngomntu, ngendawo, ngesigigaba esithile okanye ngenxa yeempawu ezimalunga nendalo, makuqwalaselwe la manqaku alandelayo njengesikhokelo:

4.3.3.1 Sisikhumbuzo sesigigaba esithile/senkcubeko yabantu abantu, indawo ethile okanye sembali ebalulekileyo eNtshona Koloni.

4.3.3.2 Ukunika imbeko ebantwini abathile ababe negalelo elihle kwezopolitiko, kwezentlalo nakwezenkcubeko endaweni ethile.

4.3.3.3 Ukuqinisa ukuziqonda ebantwini, umoya wabahlali beendawo, nokukhuthaza ukuphilisana phantsi kweyantlukwano ngokwenkcubeko eNtshona Koloni.

4.3.3.4 Ukuhlanganisa amagama aphakanyisiweyo nezihluna notyani lwendawo kunye neempawu ezendeleyo eNtshona Koloni.

4.3.3.5 Ukukhuthaza ukuba abantu babe nelunda ngendawo yabo, bazidibanise nobume bendawo leyo.

4.3.3.6 Igama eliphakanyiswayo kufuneka ukuba liyifanele loo nto ithiywa ngalo – yenziwe zizandla zomntu okanye idaliwe.

**Amagama eendawo amawangasetyenziswa**

4.4.1 Amagama awamkelwe ukuba kubizwe ngawo ezinye iimpawu/iindawo eMzantsi Afrika mawangasetyenziswa. Umnqweno ngowokuba angaphinda-phindwa amagama eempawu zezinto ezibunjwe ngabantu okanye ezidaliweyo kwisithuba esingaeekhilomitha ezintlanu (5km).

4.4.2 Amagama eempawu neendawo ezikwamanye amazwe namagama amanye amazwe.

4.4.3 Amagama apelwa okanye abizwa ngokufanayo namanye asele echo esetyenziswa, anokwenza ukuba abhidaniswe.

4.4.4 Amagama acalulayo – ngokobuhlanga, ibala, inkolo, isini, ipolitiki okanye ubume ekuhlaleni.

4.4.5 Amagama athukayo, anyelisayo, arhuqela phantsi, aphoxayo, amenyayo okanye akrwada.

4.4.6 Amagama ambaxa namade kakhulu de angabi nantsingiselo xa ebhalwa naxa ebizwa.

4.4.7 Amagama ezinto nawabantu angqalileyo (umz. iipaki).

4.4.8 Amagama asenokubonwa ngokungathi sisixhobo sentengiso yeshishini, umzi-mveliso okanye imveliso ethile.

**Umgaqo-nkqubo othetha ngotshintsho lwamagama eempawu zeendawo "ezidalwe ngabantu"**

*[Xa kusithiwa "iindawo zokuhlaliswa koluntu" kubandakwanywa iidolophu, amahlomela-dolophu, nayiphi na indawo ehlala abantu, iiposi, izikhululo zoololiwe, oohola namadama karhulumente.]*

4.5.1 Ukuze atshintshwe amagama eempawu zeendawo kfuneka kubekho izizathu ezivakalayo.

4.5.2 Izicelo zokutshintsha igama zingenziwa xa umfaki-sicelo esithi eli ibizwa ngalo loo nto ithile igama alingqinelani nemigaqo-nkqubo nemithetho-nkqubo yeBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika.

4.5.3 Ukutshintshwa kwegama lophawu oluthile olusele olubizwa ngalo uphawu olo kungaqwalaselwa kwiimeko ezifana naxa lisingela phantsi iimpawu zentsulungeko zendawo okanye ezikholelwa kuko iindawo ngeendawo.

4.5.4 Ukutshintshwa kwegama kungaphakanyiswa xa iqela elithile lenkcubeko lilibona ngokuba sisithuko igama elo.

4.5.5 Ukuze iqale ukusebenza inkqubo yotshintsho lwamagama kufuneka kuphume izaziso zisiya eluntwini yaye noluntu kufuneka luthathe inxaxheba, oku kungummiselo ophuma kuMthetho iPromotion of Administrative Justice Act, 2000 (uMthetho 3 ka-2000), ze naloo magama aphakanyisiweyo abhengezwe, kunikwe nexesha elingangeentsuku ezingama-90 zokuba abo bachaphazelekayo baphawule okanye bavakalise izimvo zabo.

**Umgaqo-nkqubo wotshintsho lwamagama eempawu zendalo**

*[Iimpawu zezinto ezidaliweyo ezinjengeentaba, iinduli, imilambo, imifula, iintlambo, amatheku okanye iibheyi, imihlaba ephakamileyo, iincam, iziqithi, iinyiba/iinyoba, iidolophu ezinamazibuko neepaki zesizwe.]*

4.6.1 Ukutshintshwa kwamagama eempawu zendalo kufanele kuthintelwe ngaphandle kokuba kukho iimeko ezizodwa ezinyanzelisayo.

4.6.2 Ukutshintsha kwegama kufanele kuqwalaselwe ukuba igama elitsha eliphakanyiswayo liya kongeza uluvo oluthile oluhle ngendawo.

4.6.3 Inkqubo yokutshintshwa kwamagama ezinto neendawo kudinga ukuba uluntu lwaziswe yaye luthathe inxaxheba ngokwenkqubo ekhokelwa nguMthetho iPromotion of Administrative Justice Act, 2000, kananjalo libhengezwe elo gama, kunikwe iintsuku ezingama-90 zokuba abachaphazelekayo nabanomdla baphawule okanye bavakalise izimvo zabo ngalo. Isicwangciso-nkqubo esandlalwe kwisikhokelo sokuthiya nokutshintsha amagama eendawo ezidalwe ngabantu siyasebenza kuthiyo lwamagama eempawu zendalo.

**Ukwamkelwa kwamagama awayengamkelwanga ngaphambili**

Amagama asele esaziwa, aqhelekileyo kufanele athunyelwe kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika ukuze amkelwe. Amagama avunyiweyo liqumrhu likarhulumente okanye ngurhulumente ozimeleyo okanye ummandla ozilawulayo

ngoku oyinxalenye yoMzantsi Afrika angafakwa nawo ukuze aqwalaselwe, amkelwe.

Amagama angapelwanga kakuhle angalungiswa engadanga abandakanywe kwinkqubo yotshintsho-magama ekuthethwa ngayo kulo mgaqo-nkqubo.

**Iinkqubo emazilandelwe ngamasebe karhulumente xa ethiya izakhiwo nezibonelelo zikaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni**

4.8.1 UMthetho iGovernment Immovable Asset Management Act, uMthetho 19 ka-2007

4.8.2 UMthetho iWestern Cape Land Administration Act, uMthetho 6 ka-1998

4.8.3 UMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni, uMthetho 13 of 1998

4.8.4 UMthetho i-Western Cape Health Facility Boards Act, uMthetho 7 ka-2001

4.8.5 Ugunyaziwe ogunyazişwe ngokusemthethweni wokwamkela amagama ezithitywe wona izakhiwo okanye amagama atshintshiweyo ezakhiwo nezibonelelo zikaRhulumente weNtshona Koloni nguMphathiswa wePhondo wezoThutho neMisebenzi yoLuntu.

4.8.6 Amasebe achaphazelekayo kufanele azise iSebe loThutho neMisebenzi yoLuntu ngexesha ngeenjongo zalo zokuqalisa iphulo lokuthiya nokutshintsha amagama ezakhiwo okanye izibonelelo.

4.8.7 Amasebe achaphazelekayo kufuneka alandele iinkqubo ezimisiweyo ze-PAJA eziphathelene nendlela emayilandelwe xa kudliwana indlebe noluntu, ku[hulaphulwe izimvo zalo, oko kusenziwa ngokweMigaqo ekwiSahluko 2.

4.8.8 Lakube isebe elichaphazelekayo liyilandele laya kuyiphetha le nkqubo, kuya kungeniswa isiphakamiso malunga nokutshintshwa okanye ukuthiywa kwesakhiwo okanye indawo esisibonelelo kunye nobungqina bokuba uluntu lubandakanyiwe kuyo yonke le nquleqhu yamagama, ze sijikeleze kwaba bantu balandelayo:

4.8.8.1 INtloko yeSebe enecandelo elijongene nalo msebenzi (ukuxhasa isiphakamiso sokutshintsha igama)

4.8.8.2 UMphathiswa wePhondo wesebe elichaphazelekayo (ukuxhasa isiphakamiso)

4.8.8.3 IiNkonzo zoMthetho (ukuqinisekisa ukulandela kwemigaqo ye-PAJA)

4.8.8.4 INtloko yeSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu (ukuxhasa isiphakamiso)

4.8.8.5 INtloko yeSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu (ukuxhasa isiphakamiso)

4.8.8.6 UMphathiswa wePhondo wezoThutho neMisebenzi yoLuntu (ukwamkelwa kwegama eliphakanyisiweyo)

**INKQUBO YOKWAMKELWA KWAMAGAMA EENDAWO APHAKANYISIWEYO**

Inkqubo eya kulandelwa ukuze amkelwe okanye atshintshwe amagama eendawo

Nokuba ngowuphi na umntu, abahlali, isebe likarhulumente, urhulumente wephondi, ugunyaziwe wengqingqi, iPosi yoMzantsi Afrika abaphuhlisi bepropati/abakhi nawuphi na omnye umbutho okanye iqumrhu, unelungelo lokuphakamisa igama

elitsha okanye ukutshintsha elo likhoyo njengoko kushicilelwe kuMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni (uMthetho 13 ka-1998), kunye noMgaqo-nkqubo weSixeko saseKapa wokuTshintshwa kwaMagama eZitalato, ukuThiywa nokuTshintshwa kwaMagama eeNdawo zikaRhulumente, iZakhiwo zikaMasipala, iZibonelelo nee-Arthifkheths.

Zingangeniswa iziphakamiso ngegama lendawo ukuba umfaki-sicelo ubona ukuba eso siphakamiso sakhe asingeni phantsi kogunyaziwe wothiyo-magama wesizwe (iBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika) nakwiqumrhu leengcebiso lephondo (iKomiti yaMagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni).

Iziphakamiso zamagama amatsha okanye amagama atshintshwayo ezinto okanye iindawo – ebunjwe zizandla zomntu okanye edaliweyo – mayikhatshwe yintethelelo, amaxwebhu axhasayo (xa kunokkwenzeka) kunye nobungqina bokuba bonke abachaphazelekayo, bebandakanya abahlali neengcali, kuthe kwadliwana iindlebe nazo kweviwa izimvo zazo. Ukuba akukho nto ingenisiweyo ikhapha ifom yesicelo ngenxa yokuba ingaqondakali into ebhaliweyo kuyo okanye ngenxa yezinye izizathu ezizodwa, kufuneka ukuba iKomiti yaziswe kwantlandlolo. Phantsi kwezi meko, iPhaneli isenako ukucela ukuba isiphakamiso size kwenziwa ngomlomo, ze oko kwenziwe ngokwemigaqo elawula iindibano zoluntu eziphantsi kukarhulumente.

Imiqondiso kufuneka ukuba ihambelane nemiyalelo encwadi yokufundisa ngemiqondiso iWay-finding & Signage Manual yeSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu.

Amaxwebhu kunye nezicelo ziya kunikwa ingqwalasela ngobulungisa, yaye iKomiti yaMagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni inelungelo elilodwa lokukhupha ezayo izindululo ezisivumayo okanye ezisikhabayo isiphakamiso esingenisiweyo.

5.1.6 Izicelo ziya kuqwalaselwa kathathu ngonyaka, kodwa oko kuya kuxhomekeka kwinani lezicelo ezingenileyo kunye/okanye nohlobo lwazo, ukanti zingahlala amaxesha angaphezu koko ukuba uSihlalo ubona njalo.

5.1.7 Izicelo ziya kufikela ziphindwe ziqwalaselwe yikomiti yephondo (iKomiti yaMagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni).

5.1.8 Xa kuthe kwaphakanyiswa ukuba kutshintshwe legama lendawo ethile, abachaphazelekayo kufuneka baziswe ngokuthi kukhutshwe isibhengezo soluntu nezaziso ngokwemiqathango yoMthetho iPromotion of Administrative Justice Act, 2000.

5.1.9 Izicelo ezingenileyo neziphakamiso ziya kuthunyelwa yiPhaneli kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika.

5.1.10 Abafaki-zicelo kufuneka bakuthathele ingqalelo ukuba iKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Koloni le *liqumrhu lokucebisa* uMphathiswa wephondo ojongene nezobugcisa nenkcubeko kumiselo lwamagama amatsha nokutshintsha lawo adinga ukutshintshwa eNtshona Koloni ngokweemfune ezissikweni. NguMphathiswa wesizwe oya kuba neilizwi lokugqibela ngawo nawaphi na amagama aphakanyisiweyo okanye atshintshwayo.

